



Inombolo yefayili.: 19/4/11  
Isalathiso: 20240830-6382

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0017/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

**ISihloko: Inkcazo ngezicelo zezibheno ezimalunga neminyinyiva/nokuxolelwa kuvavanyo (assessment accommodations/concessions appeals) nezicelo ezingxamisekileyo kwimeko ezingxamisekileyo kwiBakala 12 (inkxaso yokukhawulelana nemeko yethutyana)**

- Injongo yale ngcaciso imfutshane kukunika inkcazo/isikhokelo ngokulawulwa kwezicelo zezibheno ezimalunga neminyinyiva/nokuxolelwa kuvavanyo (*assessment accommodations/concessions appeals*) nezicelo zeemeko ezingxamisekileyo.
- Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye nezi setyhula/ngcaciso zimfutshane zilandelayo:

ISetyhula/INGcaciso eMfutshane	Isihloko
<b>ISetyhula 0017/2016, yomhla we-19 Apreli 2016</b>	Ulawulo lweminyinyiva nokuxolelwa kuvavanyo kubafundi abanezithintelo ekufundeni nakuvavanyo kumaBakala R-12 nakubafundi abenze isicelo sokuba baqwalaselwe njengabemi bamanye amazwe ukulungiselela iinjongo zovavanyo kumaBakala 4-12.
<b>INGcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0005/2017, yomhla we-16 Matshi 2017</b>	Isikhokelo esongezelelweyo esingolawulo lweminyinyiva/lokuxolelwa kuvavanyo ( <i>assessment accommodation/concessions</i> ) ukulungiselela abafundi abanezithintelo ekufundeni nakuvavanyo kumaBakala R-12 nakubafundi abenze isicelo sokuba baqwalaselwe njengabemi bamanye amazwe ukwenzela iinjongo zovavanyo kumaBakala 4-12.

<p><b>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0001/2019, yomhla we-28 Matshi 2019</b></p>	<p>Ukufakelwa kwezilungiso kwisikhokelo esongezeleweyo esingolawulo lweminyinyiva/lokuxolelwa kuvavanyo (assessment accommodation/concessions) ukulungiselela abafundi abanezithintelo ekufundeni nakuvavanyo kumaBakala R-12 nakubafundi abenze isicelo sokuba baqwalaselwe njengabemi bamanye amazwe ukwenzela iinjongo zovavanyo kumaBakala 4-12.</p>
<p><b>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0011/2020, yomhla we-16 Septemba 2020</b></p>	<p>Ulawulo lotshintsho apha naphaya lweemvavanyo/iminyinyiva (assessment accommodations/concessions) ngethuba lokuqhutywa kweemviwo zeSafikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC).</p>
<p><b>INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0004/2022, yomhla we-24 Matshi 2022</b></p>	<p>Ukucaciswa kwesigama esisetyenziswa kulawulo lweminyinyiva/lokuxolelwa kwiimvavanyo kubafundi abanezithintelo ekufundeni kumaBakala 1-12.</p>

### 3. Ukufakelwa kwezilungiso kwiNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0005/2017: Izicelo zezibheno

#### 3.1 Abafundi bamaBakala 1 ukuya ku-9

3.1.1 Kwimeko apho singabanga yimpumelelo isicelo sesibheno sokuvunywa komnyinyiva/kokuxolelwa kuvavanyo, abazali baya kuba neentsuku ezili-10 bakuba besifumene isaziso ngesiphumo sesicelo sabo sesibheno. Abazali banokusifaka isicelo sesibheno ngenchwadi ebhaliweyo, ngqo kuMlawuli wesithili.

3.1.2 Umlawuli wesithili uya kunyula ikomiti ezimeleyo eya kujongisa isicelo sesibheno, axoxe ngeemeko zokufaneleka kwesicelo yaye anike iingcebiso zakhe zingadlulanga iintsuku ezintlanu zokumiselwa kwekomiti yesibheno ezimeleyo. Abameli bekharithulam nebefundo eneemfuno ezizodwa kwizithili bamele ukuba yinxalenye yale komiti izimeleyo.

#### 3.2 Abafundi bamaBakala 10 ukuya ku-12

3.2.1 Kwimeko apho singabanga yimpumelelo sesibheno sokuqwalaselelwa umnyinyiva/lokuxolelwa kuvavanyo, abazali baya kuba neentsuku ezili-10 zokufaka isicelo sesibheno bakuba besifumene isaziso ngesiphumo sesicelo sesibheno. Abazali banokusifaka isicelo sesibheno ngenchwadi ebhaliweyo, ngqo kuMlawuli weSithili. weCandelo loVavanyo neeMviwo ngokuqala sithunyelwe ku-NKs Ragiema Geldenhuys, kule imeyili: [Ragiema.Geldenhuys@westerncape.gov.za](mailto:Ragiema.Geldenhuys@westerncape.gov.za) okanye kule nombolo yefoni 021 467 2059.

3.2.2 Umlawuli oyinTloko woVavanyo neeMviwo uya kuziqwalasela yaye axoxe ngezicelo zezibheno zeBakala 12 ngo-Agasti nangoSeptemba yaye izigqibo ziya kwaziswa izikolo phambi kokuqala kweemviwo ze-NSC.

4. **Ukufakelwa kwezilungiso kwiNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0005/2017: Izicelo ezingxamisekileyo kwizicelo zeBakala 12 (ezokukhawulelana nemeko yethutyana/iimeko ezingxamisekileyo)**
- 4.1 Oku kubhekiselele kwinkxaso enokufuneka kwimeko yabafundi abakhulelweyo okanye ngenxa yeemeko ebezingalindelekanga, kuquka nezehlo ezimalunga nezonyango (*medical incidents*), umothuko omkhulu (*trauma*), ukulaliswa esibhedlele (*hospitalisation*) okanye ukuvalelwa entolongweni (*imprisonment*) ngoko nangoko phambi okanye ngethuba lovavanyo okanye leemviwo zangaphandle. Oku kunokuquka izehlo ebezingalindelekanga ezifana nokuxhuzula (*epilepsy*), udandatheko (*anxiety*)/ukuba novalo noloyiko olungamandla ngesiqophe (*panic attacks*), iingxaki ezichaphazela ukusebenza kwengqondo (*psychotic episodes*) okanye izehlo ezimalunga nezenkcubeko/nezenkolo zokuvukwa ngumoya weemvakalelo ezithile (*cultural/spiritual episodes*).
- 4.2 Ukuvunywa ngokungxamisekileyo komnyinyiva kuvavanyo kusemthethweni kangangelo thuba lichaziweyo longxamiseko. Xa sivunyiwe isicelo somnyinyiva kuvavanyo, ileta yokuvunywa kwaso mayiqhotyoshelwe kwisikriphthi sempendulo yaye imele ukuchaza ithuba lokuba semthethweni komnyinyiva ovunyiweyo.
- 4.3 Inkxaso kumfundi onikwe imvume yomnyinyiva inokubandakanya amalungiselelo okuba uviwo lubhalwe kwindawo engeyiyo eqhelekileyo kunye/okanye eyokuba luhlehliselwe elinye ixesha uvavanyo kude kube lithuba lovavanyo okanye loviwo olulandelayo.
- 4.4 Kwimeko apho umfundi athe wachacha kweso sehlo sikhokelele ekuvunyweni komnyinyiva kuvavanyo phambi kokugqitywa koviwo, umfundi unokuqhubeka noviwo kulo ndawo yahlukileyo emva kokubonisana nomfundi kunye/okanye nomzali okanye nomgcini womfundi. Oku kuphazamiseka kwakhe makubhalwe phantsi kwiskriphthi sempendulo somfundi, ukususela kwixesha aqale ngalo ukuphazamiseka kude kuye kwithuba lokuqala kwakhe kwakhona yaye makalinikwe nexesha aphulukene nalo umfundi ukwenzela ukugqiba uviwo.
- 4.5 Ukuba kuyimfuneko ukuba umfundi afikelele kwinkqubo etshintshwe apha naphaya/enye inkqubo yovavanyo ngenxa yezizathu ezininzi njengoko kucacisiwe kwisiHlomelo C (*Annexure C1*) se-National Policy Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination, esipapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 37652 ye-16 Meyi 2014, isigqibo sokukhawulelana nemeko yethutyana malunga nenkqubo etshintshwe apha naphaya/nenye inkqubo, masithathwe nguMlawuli oyiNtloko woVavanyo neemviwo okanye ngummeli wakhe.
- 4.6 Umlawuli oyiNtloko woVavanyo neemviwo okanye ummeli wakhe unokuthatha isigqibo zingadlulanga iintsuku ezintathu ukuba akangeniswangwa amaxwebhu afanelekileyo.

- 4.7 Kwimeko yesicelo esingxamisekileyo kwiBakala 12 (ukususela kwiKota 3 ukubheka phambili), isicelo kunye namaxwebhu ayimfuneko makangeniswe **ngoko nangoko** kuNks Nicole Gezwint kwiCandelo loLawulo loVavanyo, kule imeyili: [wcedconcessions@westerncape.gov.za](mailto:wcedconcessions@westerncape.gov.za) okanye kule nombolo yefoni 021 467 9329, kule Komiti iyi-District Assessment Accommodations Committee.
- 4.8 Isicelo siya kufakwa kwikhompyutha liCandelo loVavanyo neeMviwo okanye ngummeli oya kubonisana nomfundi onemfuno ethile nabaphathi abanika inkxaso kootitshala kwaNdlunkulu ukunika iingcebiso.
- 4.9 Ukungqinisiswa kwamaxwebhu ahamba nesicelo somnyinyiva/sokuxolelwa kuvavanyo kuya kwenziwa liCandelo loLawulo loVavanyo.
- 4.10 Iileta zokuvunywa kweminyinyiva/zokuxolelwa kuVavanyo ziya kufumaneka kwi-CEMIS.
- 4.11 Ngumsebenzi oluxanduva kweKomiti i-School-based Support Team neKomiti i-District-based Support Team ukuqinisekisa ukuba umfundi ufumana inkxaso eyimfuneko ngokumalunga neminyinyiva evunyiweyo.
5. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2024-09-05